UNasiphi yayikuphela komntwana kaNelani noNeliswa.



Abazali bakaNasiphi babezizityebi futhi benayo yonke into abayifunayo.

Utata kaNasiphi wayeyindoda elungileyo nebathandayo abantu futhi engekho krwada.

Into esisimanga, umama kaNasiphi yena wayengumntu wengxwabangxwaba, ekrwada engabathandi tu abantu.

UNasiphi wayefana nomama wakhe, naye ekrwada engafani tu notata wakhe.

Abantwana abaninzi babehamba ngenyawo xa besiya esikolweni.



UNasiphi yena wayesiya esikolweni ngebhayisekile entle entsha.

Wayebaqhayisela abanye abantwana ngebhayisekile yakhe kungenjalo abaqhayisele ngefoni yakhe, i*smart phone*, ebiza imali eninzi.

Xa esekhaya okanye esesikolweni wayesoloko elandelwa ligquba labantwana.

Babenomdla wokumbukela xa esenza izangotshe ngebhayisekile yakhe okanye nge*smart phone*.

Nangona kunjalo, akho namnye kubo owayevumelekile ukuba aphathe izinto zikaNasiphi.

Yonke imihla, uNasiphi wayesiza nezinto zokudlala ezintsha esikolweni kuba efuna ukuqhayisela abanye.



Wayekonwabela ukubandezela abanye abantwana izinto zakhe zokudlala.

Ngamanye amaxesha wayebaxelela ukuba soze abanike tu izinto zakhe zokudlala kuba bona abazukumnika nto.

Umama wakhe naye wamxelela ukuba angadlali nabanye ngezinto zakhe zokudlala kuba baza kuzonakalisa.

Wathi akazithengelanga abantwana belali yaseMzantsi izinto zokudlala.

Amaxesha amaninzi umama kaNasiphi wayedla ngokuya emakhayeni ala amakhwenkwe afike awangxolisele ukuphatha izinto zikaNasiphi zokudlala.

Nootitshala besikolo sikaNasiphi babemazi ukuba ungumntu onjani umamakhe.

Nabo babesoyika ukumngxolisa uNasiphi xa enze into engalunganga kuba babesazi ukuba uza kuxelela umama wakhe.

Ukuba uthe wangxoliswa ngutitshala, wayefika axelele unina ukuba uyacatshukelwa ngutitshala.

Umama kaNasiphi wayengonqeni ukuya esikolweni afike axabane notitshala ongxolise umntwana wakhe nangona wayenqandwa ngutata kaNasiphi.

Ngenye imini uNasiphi waxelela umama wakhe ukuba akasafuni kufundiswa nguNkskz. Sisila kuba akamthandi uyamcaphukela.

Umama kaNasiphi watyelela uNkskz. Sisila esikolweni wafika wamthuka phambi kweklasi.

Wamxelela ukuba umonela uNasiphi kuba ene*smart phone* waze wamxela nokuba makayeke ukunyhasha amalungelo omntwana wakhe.

UNkskz. Sisila wasichazela inqununu esi siganeko yaze yabizela umama kaNasiphi kwiofisi yayo, yamngxolisa.

Ngenye imini uNasiphi wayevela esikolweni waze wabona inyoka encinci, entle ecaleni kwendlela. Wayithatha ngezandla zakhe zozibini.



Wayengaqondi ukuba loo nyoka inetyhefu enobungozi futhi ingamluma. Yamluma esandleni inyoka waze wayiphosa kude.

UMandisi noMendo ababelandela emva kwakhe bafika kuye babona isandla sakhe singcangcazela futhi siqaqamba.

UMendo wakhawuleza wathatha ibhanti yakhe wabopha entla kwendawo atyiwe kuyo yinyoka ukuze ityhefu yenyoka inganweneli emzimbeni wakhe.

Bathi bakumbona ukuba uye eba buthathaka, bazama ukumpha umoya ngokuphekuza ngeencwadi zabo nangamasebe omthi.



Kungekudala emva koko wawa wayoba. Bagqiba ekubeni babize inqwelo yezigulane.

UMendo wazama ukufona ngefoni yakhe kodwa akakwazi kuba yayingenamoya.

Wazama ukusebenzisa i*smart phone* sikaNasiphi kodwa wafumanisa ukuba sicinyiwe.

Akukho mntu wayekwazi ukuyivula kuba uNasiphi wayengafuni mntu uyiphathayo.

Bonke abantwana ababehamba kuloo ndlela xa besiya esikolweni, bangqumbana apho bebukele.



Abanye abantwana babegigitheka futhi bengamsizeli tu uNasiphi. Babesithi ukuba ibingabo abasengxakini ebengasoze abancede uNasiphi.

UMendo yena wayemsizela engafani nabanye. Wabaleka waya kwivenkile ekufutshane waya kucela uncedo.

Ngethamsanqa umnini venkile wakwazi ukufonela inqwelo yezigulane.

Yafika ngokukhawuleza inqwelo yezigulane waze wabalekiselwa kwisibhedlele iMadwaleni.

UNasiphi wachitha iveki yokuqala ekwicandelo lesibhedlele elibizwa ngokuba yiICU.

Emva kokuba ephumile eICU, wahlala iiveki ezintathu esachacha esibhedlele.

Utata wakhe wamxelela ukuba kwenzeke ntoni ze wamchazela nendlela abamsindise ngayo oogxa bakhe basesikolweni.

Oogxa bakhe baseklasini yakhe bagqiba ekubeni bathumele igqiza labafundi abalishumi, limtyelele.

Babemphathele iintyatyambo kunye nekhadi leminqweno emihle bemnqwenelela ukuba aphile ngokukhawuleza.

Bacela utitshala wabo uNkskz. Sisila ukuba abakhaphe baye esibhedlele.

UNasiphi wothuka akubona abafundi afunda kunye nabo bemtyelele kuba wayengayilindelanga loo nto kubo.

Wayeneentloni kakhulu kunzima nokuncokola nabo, wasuka wakhala engathuthuzeleki.

Inkxaso yabafundi nekaNkskz. Sisila yamothusa futhi yamvisa kabuhlungu.

UNkskz. Sisila wamthuthuzela ezama nokumxolisa emxelela ukuba alibale ngeziganeko ezidlulileyo.

Wathi kuye bayamvuyela kuba ngoku ubomi bakhe busindile.

Bathi bangavuya ngakumbi xa enokutshintsha iindlela zakhe afunde ukuhlalisana kakuhle nabanye abantu.

Babesekhona abafundi ngexesha kwakufika umama kaNasiphi naye etyelele uNasiphi. Zange akholelwe xa ebabona, wasuka walila. Wathatha ixesha elide uNkskz. Sisila ezama ukumthuthuzela.

Akuthula umama kaNasiphi, wambulela uNkskz. Sisila kunye nabafundi ngokungazenzisiyo ngokutyelela uNasiphi.

Wathi kubo, “Utyelelo lwenu, lusifundise lukhulu. Nkskz. Sisila, ndicela uxolo ngokukuthuka esikolweni, phambi kwabafundi.”

Wathi akuphila ngokupheleleyo uNasiphi, wakhutshwa esibhedlele waphindela ekhaya.

Ngosuku awafika ngalo ekhaya, abafundi afunda kunye nabo bafika bezokumamkela.

Waphinda waneentloni kwakhona, engakwazi nokubajonga.

Wayengxamile efuna ukude aphindele esikolweni khonukuze azokucela uxolo kootitshala nakubafundi.

Ngobo busuku waphupha esesikolweni edlala onwabile nabanye abantwana.

Ngosuku olulandelayo uNasiphi wavuka ekuseni waya esikolweni.

Akufika, wacela inqununu ukuba ibize bonke abafundi ibabizele emigceni.

Wacela wonke umntu ukuba amxolele ngezinto ezimbi azenze kubo okanye azithethe kubo.

Inqununu yambulela ze yathi, “Huntshu, Nasiphi! Ndiyabulela ngokutyhila kwelinye iphepha ebomini nangokubonakalisa kwakho ukuzisola.”

Abazali bakhe nabo bafika esikolweni beze kubulela abafundi abasindise ubomi bukaNasiphi endleleni evela esikolweni.

Umama kaNasiphi wathi uza kunika amakhwenkwe ancede unyana wakhe isipho sewaka leerandi ngenjongo zokwenza umbulelo. Amakhwenkwe ayala le mali.

Aphendula athi, “Thina besinceda uNasiphi kwaye besingajonganga nzuzo ngaloo nto. Siyambulela uNasiphi nomama wakhe ngokutyhila kwelinye iphepha ebomini.”

# IMIBULELO KWABA

**Ibhalwe ngu**
Pitsi Ragoasha

**Izotywe ngu**
Heidel Dedekind

**Umhleli woku-1**
Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**
Isabel Seakamela

**Umhleli wesi-3**
Irene Masemola

**Umhleli**
PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**
Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**
Vuyokazi Mbele Ludidi

